basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## FEBRUWARI/MATSHI 2011

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha asi-7.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 YiLovedale/kuseLovedale/Lovedale√ (1)

1.1.2 Sasidume ngokuvelisa iinkokheli, abefundisi nabefundisi-ntsapho, iititshala, amagqwetha noogqirha√ (2)

1.1.3 B ngabantu abatsha/B/ngabantu abatsha√ (1)

1.1.4 Wayenesihlangu esinye/isihlangu esinye√ (1)

1.1.5 Hayi - Le nto yayingabalulekanga kum, into eyayibalulekile yayikukufumana imfundo√ (2)

1.1.6 NguChief Albert Luthuli√ noPatrice Lumumba√ (2)

1.1.7 Abamhlophe babehlala kwezabo iitafile baze abamnyama bahlale kwezabo ezahlukileyo√ (1)

1.1.8 Bubuxoki√ Wayethetha nje phandle ngokungafihlisiyo/wabuza kumphathi ukuba kutheni ootitshala besahlukaniswa kodwa benza umsebenzi ofanayo√ (2)

1.1.9 IsiXhosa√, isiNgesi√ neLatin.
[Naziphi ezimbini kwezi.] (2)

1.1.10 Ngo-1942/Uzelwe ngo-1942/1942√ (1)

1.1.11 B Yayinombhalo omhle nococekileyo / B / Yayinombhalo omhle nococekileyo kakhulu.√ (1)

1.1.12 B 1993/B/ngo-1993/1993√ (1)

1.1.13 NguThabo Mbeki√ (1)

1.1.14 UHani ngomnye wabantu ababengamakhalipha, elijoni lenkululeko, kwaye enesakhono sokukhuthaza abafundi nolutsha ekubeni lungene kumkhosi wamalungelo abantu. √√
[Naziphi ezimbini kwezi.] (2)

1.1.15 "Ubomi ngumzamo mawethu, xhathisa ngethemba maxesha onke". √√ (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.2 | 1.2.1 | Yi-Eastern Cape√ | (1) |
| | 1.2.2 | YiMpumalanga√ neLimpopo√ | (2) |
| | 1.2.3 | Ngunyaka ka-2002√ | (1) |
| | 1.2.4 | Ziipesenti ezi-6/6%/6 iipesenti√ | (1) |
| | 1.2.5 | Yinyaniso√ – iFree State kunyaka ka -2002 noka-2003 inani leepesenti lokukhutshwa kweeARV limalunga neepesenti ezi-4 ukanti iphondo iNorthern Cape lingaphezulu kwiipesenti ezi-4 kwiminyaka yomibini√ | (2) |
| | 1.2.6 | YiGauteng√ | (1) |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- o Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- o Amanqaku ama-3 olwimi.
- o Izohlwayo:

- o Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- o Amanqaku ama-3 olwimi.
- o Izohlwayo:

- Xa umlingwa engabhalanga isishwankathelo ngemo elindelekileyo, uza kunyityelwa amanqaku ngokuthabatha inqaku libe linye kumanqaku ewonke anikiweyo.

- Xa umlingwa ecaphule **izivakalisi ezipheleleyo** ngobunjalo bazo, kuya kuthatyathwa amanqaku ngolu hlobo:

  - ❖ 1 – 3 izivakalisi: akuthatyathwa manqaku**.**
  - ❖ 4 – 5 izivakalisi: thabatha 1 inqaku.
  - ❖ 6 – 7 izivakalisi: thabatha 2 amanqaku.

- Kwiziphene zolwimi (upelo, iziphumlisi negrama): thabatha kumanqaku amathathu abelwe ulwimi ngolu hlobo:

  - ❖ Iziphene ukusuka ku-0 – 4 akuthatyathwa manqaku.
  - ❖ Iziphene ezi-5 – 10 thabatha inqaku eli-1.
  - ❖ Iziphene ezi-11 – 15 thabatha amanqaku ama-2.
  - ❖ Iziphene ezi-16 nangaphezulu thabatha amanqaku ama-3.

- Ukuthintela ukuba umvavanywa angafumani amanqaku amaninzi kulwimi ngaphezu kwawesishwankathelo, amanqaku olwimi makabiwe ngolu hlobo lulandelayo:-

  - ❖ Inqaku eli-1 lolwimi malinikwe ngengongoma e-1 ukuya kwezi-3 ezichanekileyo.
  - ❖ Amanqaku ama-2 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-4 ukuya kwezi-5 ezichanekileyo.
  - ❖ Amanqaku ama-3 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-6 ukuya kwezi-7 ezichanekileyo.

- Thabatha inqaku elinye kumanqaku ewonke owanikileyo kwiingongoma nokusetyenziswa kolwimi xa kungabhalwanga okanye kubhalwe inani elingelilo lamagama esishwankathelo.

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronimi mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

Nanga amanyathelo ekufuneka uwalandele xa ushwankathela:

- Nyathela kwiingongoma eziphambili usebenzisa awakho amazwi.
- Shwankathela ngeengongoma ezisixhenxe.
- Shwankathela ungadluli kumagama angama-50 ukuya kuma-60.
- Sebenzisa ulwimi olusulungekileyo.
- Bhala usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.
- Upelo, iziphumlisi, ulwahlulo lwamagama malujongwe.

**IINGONGOMA EZISIXHENXE**

- Ukwenza i-CV kufuna ubuchule nokulandelwa kwemiqathango ethile engundoqo ekuyilweni kwe-CV eyiyo.
- Kufuneka uqinisekise ukuba i-CV yakho akuyihombisi ngeefoto nemifanekiso kuba ukwenza oko kuphungula amathuba akho ekufumaneni umsebenzi.
- I-CV yakho kungakuhle xa inokukhatshwa yileta eza kuveza amava akho emsebenzini.
- Xa ubhala i-CV yakho ungaze usebenzise ulwimi olufinyeziweyo okanye olungamkelekanga njengolwimi lwe-SMS.
- Mayibhaleke kakuhle ngefonti ebonakalayo njengeArial okanye iTimes New Roman.
- Kokungaphakathi okubalulekileyo kwiCV hayi imihombiso.
- Ingacelwa xa ifuneka ifoto yakho, ungayifaki ingacelwanga.

**UMHLATHI ONEENGONGOMA EZISIXHENXE**

Ukwenza iCV kufuna ubuchule nokulandelwa kwemiqathango ethile engundoqo ekuyilweni kweCV eyiyo. Kufuneka uqinisekise ukuba iCV yakho akuyihombisi ngeefoto nemifanekiso kuba ukwenza oko kuphungula amathuba akho ekufumaneni umsebenzi. ICV yakho kungakuhle xa inokukhatshwa yileta eza kuveza amava akho emsebenzini. Xa ubhala iCV yakho ungaze usebenzise ulwimi olufinyeziweyo okanye olungamkelekanga njengolwimi lweSMS. Mayibhaleke kakuhle ngefonti ebonakalayo njengeArial okanye iTimes New Roman. Kokungaphakathi okubalulekileyo kwiCV hayi imihombiso. Ingacelwa xa ifuneka ifoto yakho, ungayifaki ingacelwanga.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Ezimayini: Iibolekwe kwisiNgesi/Afrika: Iibolekwe kwisiNgesi nesiBhulu√√ (2)

3.2 3.2.1 Umntu √ (1)

3.2.2 Isintu √ (1)

3.2.3 Ubuntu √ (1)

3.3 UThixo akasidalanga saluluntu olukwaziyo ukusombulula iingxaki zalo ngentsebenziswano. √ (1)

3.4 Udaba + umlomo √√ (2)

3.5 Ukuncekelela kwenza ukuba ude uphumelele/Ukunyamezela kwenza uphumelele. √√ (2)

3.6 Ayisuse/Ayitoncule/Ayisiphule√ Xelela lo mntwana ukuba ayisuse le bhekile kule ndawo ikuyo. √√
[Umfundi uya kwakha esakhe isivakalisi esinegama elithetha into enye no- "ncothula"] (3)

**[13]**

### UMBUZO 4

4.1 4.1.1 Ndiza kumthanda uLerato. √ (1)

4.1.2 Ndasebenza nzima iveki yonke. √ (1)

4.2 U-ba sisivumelanisi sentloko √ (1)

4.3 Umama uphekela utata inyama. √
Umama uphekisa usisi ukutya. √ (2)

4.4 Cwangcisa √ kwangethuba √ umsebenzi wakho √ ezifundweni √ ukuze uphumelele.√ (5)

4.5 "Sifuna √ ukuqonda ukuba senze√ ntoni sivalelwa √ amasango nje?" √, utshilo umfana. (4)

**[14]**

### UMBUZO 5

5.1 Kowu! √ bezi mini. √ (2)

5.2 "ndisuke" √ (1)

5.3 B Elokuqhubeka √ (1)

5.4 Isihlomelo √ (1)

5.5 Liza emva kwesilanduli √ (1)

5.6 Ntsho-o √ (1)
**[7]**

**UMBUZO 6**

6.1 A Ababukeli bamkelwa eholweni: Igatya eliyintloko. √
B ngobubele: Igatya sihlomelo lobunjani. √ (2)

6.2 Heyi Manene, √ utata √ uhambile √ kusasa nje, siza kuba nexesha elininzi √ lokudlala. (4)

**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**